

“1930”

Ke ukuhlala konyana baka Sirayeli abakuhlalayo e Yiputa yimi nyaka emakulu mane an[e]minyaka emanci matatu. E[k]upeleni kwe[m]inyaka em[a]kulu mane aneminyaka emanci matatu, kwati kanye ngayo lomini, yapuma yonke imi[k]osi ka Yehova ezweni lasfe] Yiputa . . .  
. Bubusuku buka Yehova obo. Kesodosi 12:40-42

Wavel' umnyak' omtsha!

Wavel' umnyak' omtsha!

Yivani zintlanga,—wavel' umnyak' omtsha!

Udlul' odl[u]le[y]o,—udlul' odluleyo!

Noko besiwutanda,—udlul' odluleyo!

Besiwutanda na lomnyak'<sup>1</sup> ufileyo?

Ningadl' amaxesha ngokupikisana,—

Lomnyak' unit[a]nde ngokwabantwana.

[N]d[i]tsho ngokupila enipile kona;

Nditsho nangenzuzo eniz[u]ze yona;

Nibe netamsanqa ngemp[i]lo y[e]m[i]hla;

Nanentsikelelo zemihla ngemihla.

Nize[n]' abantwana bonwabis' ikaya;

Nizfi] z' izivuno z[i]z[a]lis' ekaya;

Nendisa intombi nazekel' onyana;

N[i]cumile nanda ngabazukulwana.

Wubongen' umnyaka, umnyak' odluleyo!

Beninaz' intshaba kumnyak' ofileyo;

Zininqwenelela amashwa ngamashwa,

Kodwa bonani ke! [A]nibanga nashwa.

Fundani kakulu nifund' umbulelo!

Ziza ngawo zonke, zonk' intsikelelo.

Fundan' umbulelo mazi zakowetu!

---

<sup>1</sup> Lomuyak'

Fundan' umbule[l]o bafo bakowetu!

Tetani ilizwi ngomnyak' odluleyo,—  
[L]iz[w]' e[l]imnandi ngandod' emkileyo.  
I[z]' iti fi[k]a indod' efik[a]yo,  
[l]h[i]a[l]' ilindele nayo mhla imkayo.

Tetani ilizwi kwi Nkos' eminyaka,  
Eno[n]dle nakula kumnyaka ngomnyaka!  
Napetshiswa futi kwintshaba ngentshaba,  
Namhla senih[a]mba kwintaba ngentaba.

Namhlanje nibona nibone nakude;  
Nihamba ngengangqu nityud' amatyude;  
Nibon' imigongxo enasinda kuyo;  
Kwanamacwebeshu enap[e]pa ngawo.

Ngoko bulelani bafo bakowetu,—  
Lomnyak' udlulanje akungamandl' etu;  
Lomnyak' ungenanje akungangqond' etu,—  
Nabunt[o]ni betu, nabulumko betu.

Zinkokeli zetu fundisan' a[b]antu,  
Xelexan' abantu, tund[e]zan' abantu.  
Mabazuze kuni okupindiweyo,  
Nibanqake; ngalomnyak' ung[e]nileyo.

Fundisan' ukuwa ng[a]z' indololwane,  
Kumpati ndudumo kunye nemibane;  
Komtwasisi kwezi kwa nozilimela,—  
Fundisan' abantu konk' ukumlilela.

Nango namhl' utwasa omny' umnyaka omtsha!  
As[a]zi nto ngawo, usapet' ubutsha;  
Use njengosana olusazalwayo;  
Bizan' owaziyo, ongu Mnini wayo.

Bizan' u Mkanyisi akanyis' indlela;  
Bizan' u Moyisi ahamb' enilwela<sup>2</sup>;  
Bizan' u Mkululi wamakamandela;—  
Bizan' u Somandla nguy' u mninindlela.

Twasa] mnyaka ndini!  
Twasa mnyaka ndini!  
Ulindwe ngamandla ngabase [l]u[n]dini.  
Ulindwe ngamandla siti makoboka,—  
Silind' ukululo lwetu makoboka,

Asilaz' ityala kunye nesigwebo,  
Latetwa kobawo, ababene[n]dyebo;  
Banikw' iminyaka esingayaziyo,—  
Ngo[k]o twasa mnyaka z[i]temb' intliziyo

Sisajong' usuku, umhla wetembiso,  
Umhl' oza nenene, oza nenyanyiso;  
Ngoko twasa mnyaka ude lomhl' ufike!  
Sixel' imixelo ilishwa lijike.

S[i]kangele Bawo! Sikangele Bawo!  
S[i]yakulilela sikwanga nenyawo.  
Namhla yima nati, ung[e]cala letu,—  
Wutume lomnyaka ube ngomnye wetu.

Wutume lomnyaka unobo busuku,  
Kanye ke lomini ibe kwezontsuku;  
Lip[e]le ityala ipum' imikosi,—  
Ipahl' izihlwele<sup>3</sup> ze Nkosi ka Nkosi.

---

<sup>2</sup> ebiwela

<sup>3</sup> ixihlwele